



Ikamva-Ukunonophela
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

Isihloko sesifundo: Ibandla lethu kunye nesithili

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso 1 esithi **“Ibandla lethu kunye nesithili”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kuzenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	<p>Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS</p>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neependulo, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongezwayo / sisixhobo esongezelwayo sokuzikhethela • ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) <p>Qaphela:</p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasini ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekiso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku...)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 1.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



Isifundo

Isihloko seSifundo

Ibandla lethu kunye nesithili

Injongo yesifundo

Abantwana bafumana isishwankathelo malunga nendlela ibandla kunye nesithili esakhiwe ngayo.

Isishwankathelo sesifundo:

Intshayelelo:

Wazi ntoni malunga nebandla lakho? Uyazi ukuba ngubani owenza ntoni? Ingaba uyazi ukuba ungowesiphi isithili okanye ngubani umphathi wakho wesithili? Kwesi sifundo uzafumanisa zonke ezi nkcukacha.

Bazali, umntwana wakho uza kuludinga uncedo lwenu okanye elomdikoni wakho, umbingeleli okanye umphathi-bandla kwesi sifundo. Siza kubuza uthotho lwemibuzo malunga nendlela elisebenza ngayo ibandla kunye nesithili kwaye kuya kufuneka ubancede ngeempendulo. Basenako ukuba nolwazi oluninzi abasele benalo. Injongo kukunceda abantwana bethu baqonde indlela ibandla labo kunye nesithili esisebenza ngaso. Wamkelekile ukuba ubacacisele isakhiwo ukwadlula isithili.

Umxholo:

Apha kulandela inani lemibuzo abazali abanako ukuyenza kunye nabantwana. Uya kudinga ukufumana olu lwazi kumphathi-bandla wakho, umbingeleli okanye umdikoni.

Ibandla lethu

1. Igama lebandla.
2. Idilesi yebandla.
3. Amaxesha eenkonzo zobungcwalisa.
4. Unyaka elamiselwa ngalo ibandla.
5. Isikhonzo kunye negama lomphathi-bandla.
6. Inani lamalungu.
7. Inani leenkokheli.
 - 7.1 Abadikoni.
 - 7.2 AbaBingeleli.
 - 7.3 Ezinye iinkokheli.



8. Inani lamalungu ekwayara.
9. Igama lombhexeshi / ababhhexeshi bekwayara.
10. Amagama abadlali bohadi.
11. Inani labantwana abangaphantsi kweminyaka eyi-14 ubudala.
12. Ngoobani ootitshala besikolo seCawa?
13. Ngoobani ootitshala bezoNqulo?
14. Ngoobani ootitshala besiQinisekiso?
15. Yeyiphi imisebenzi ebandleni eyenziwa ngabantu abadala?
16. Yeyiphi imisebenzi enokwenziwa ngabantwana?

Funda ukumazi umphathi-bandla wakho kunye nento ayenzayo:

1. Unexesha elingakanani ungumpathi-bandla webandla lethu?
2. Umiselwe ngubani?
3. Zeziphi izikhonzo zolungiselelo osele uzithwele? Wawumiselwa nini kwaye nguwuphi umpostile owakumiselayo?
4. Zingaphi iinkonzo zobungcwalisa oziqhuba ngenyanga ubuncinane?
5. Uyilungiselela njani inkonzo yobungcwalisa?
6. Ulikhetha njani iculo lokuvula?
7. Wenza ntoni kwigumbi lokuzilungiselela phambi kwenkonzo?
8. Ubuza kubani xa uneengxaki?
9. Mangaphi amaxesha othetha kwaye umbone uMphathi weSithili?
10. Ngawaphi amava amahle kakhulu kuwe ukuza kuthi ga ngoku ngexesha lakho njengomphathi-bandla?

Isithili sethu:

1. Igama lesithili sethu
2. Amanye amabandla kwaye mangaphi kwisithili sethu?
3. Igama loMphathi weSithili sethu?

Olu luxanduva loMphathi weSithili:

- § Bangabaqhagamisheli babaphathi-mabandla kwaye bebamba iintlanganiso zabaphathi-mabandla rhoqo.
- § Benza imisebenzi ekhethekileyo yoMpostile noMveleli kwisithili.
- § Batyelela amabandla akwisithili.



- § Iziganeko ezikhethekileyo zebandla zixoxwa nabo.
- § Bambamkela imiphefumlo emabandleni.
- § Baqhuba iinkonzo zobungcwalisa zolutsha nabantwana kwisithili sabo.

Isiphelo:

Ndiyathemba ukuba le mibuzo ikwandisile ukuqonda komntwana wakho ngebandla nesithili kwaye yenze umdla ngaphakathi kwabantwana bakho. Nazi ezinye izihloko onokufuna ukuzixoxa malunga nebandla lakho kunye nesithili:

- § ngawaphi amabandla kwesi sithili, ingaba uwazi ngamagama kwaye sowukhe wawatyelela?
- § thetha ngabaphathi-mabandla obaziyo.
- § Xoxa ngento ocinga ukuba ikhethekile kakhulu ngebandla lakho kunye nezinto onqwenelaukuba zenziwe.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Ukuqonda ibandla lam, ukuba lisebenza njani kwaye ngubani oyinxalenye yalo.
- Kukufunda ukwazi umphathi wam webandla ngcono.
- Ukuqonda isithili sam, ngubani ophetheyo kwaye ngawaphi amanye amabandla akwisithili sethu.
- Ukuqonda uxanduva loMphathi weSithili.

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuzu asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe, Amen